education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)
IPHEPHA LESITHATHU (UMZEKELO) (P3)

EXEMPLAR 2007

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi - 8.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

IMIYALELO

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-350 - 400 amagama.
   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama- 180 – 200 amagama (umxholo kuphela).
   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama- 100 - 120 amagama.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNye esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-350 ukuya kuma-400.

UMBUZO 1

"Elaloo mini ilanga ndandingathi ndingalibamba lingatshoni....." Balisa ngokwaqhubekayo ngaloo mini, unamathele ngamandla kwizinto ezenza ukuba olu suku luqaqambe kangaka ebomini bakho. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 2

Hayi!!!! mna ndidikiwe kukunxiba eli zothe leyunifom yonke le mihla!!!!!!!!!!!!!

Ukubona kubalulekile ukunxitywa kweyunifom ezikolweni? Xoxa kuvokotheke ngalo mbandela ucangcathe kwizimvo ezixhasayo kunye nezo zichasayo, kodwa ungakutyesheli ukudandalazisa olwakho uluvo. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 3

Ulwimi lolunye lwezixhobo umntu azalwa nazo. Ingaba iilwimi zabaNtsundu zifumana inkxaso eyoneleyo nefanelekileyo ukuze ziphuculwe. Bhala isincoko uxhase uze uchase kwangaxeshanye. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 4

Umlilo uluncedo kodwa ukwayingozi eluntwini. Bhala isincoko phantsi kwesihloko esithi, "Ukubaluleka nobungozi bomlilo kuluntu." **[50]**

OKANYE

UMBUZO 5

NgokoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika kuvumelekile ukuthandana kwabantu besini esinye. Bhala isincoko esithi, "Ukuthandana kwabantu besini esinye." Dandalazisa izimvo zakho uxhase okanye uchase, uwavelele omabini amacala ngokulinganayo. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 6

Kwisikolo ofunda kuso wonyuliwe kwiBhunga elilawula abafundi, kwaye ungomnye wabafundi ababonakalisa ukuzinikela kwiinkqubo nemisebenzi yesikolo. Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Xa ndinokonyulwa njengoSihlalo wesiGqeba seBhunga elilawula abafundi." **[50]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama- 120 – 150 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

Kupapashwe umsebenzi wethutyana apho kufunwa abafundi ngexesha leeholide zasehlotyeni. Lo mntu ulindeleke ukuba abe noku kulandelayo:

- ibanga le- 10, ukukwazi ukusebenzisana nabanye abantu kodwa angaxhomekeki komnye umntu, ukucoselela emsebenzini.

Uza kufundiswa ke ngezakhono zokusebenzisa ikhompyutha. Uyawufuna lo msebenzi. Thumela ke iSivi yakho ukuze uwufumane lo msebenzi. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 2

Inkonzo yamapolisa kwingingqi ohlala kuyo intle yaye iyancomeka, ngenxa yeendlela ezintsha abazisebenzisayo abakwantsasana amatutu nezikhohlakali zilala zibaliwe. Bhalela kuMhleli wephephandaba olithandayo neliwakhupha ngobunjalo bawo amanqaku uveze ukuba bayasebenza abakwantsasana. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 3

Ingxoxo ishushu phakathi komzali nomfundi, ingxaki ngamaxesha ahlukeneyo abakhule ngawo. Omnye uthethelela ixesha lakhe nezinto zalo kanti nomnye akaziyekelelanga. Yila ingxoxo apho umzali ebile izithukuthuku ethethelela imfundo yamandulo, abe yena umfundi weli xesha engeva kuxelelwa esithi phambili ngeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe (NCS). **[30]**

OKANYE

UMBUZO 4

Ukwiqela elonyuliweyo ukuba nenze amalungiselelo omsebenzi wokuthi ndlela-ntle kubafundi bebanga leshumi. Ningabebanga lethoba niceliwe ukuze ningabi nangxaki kwakufika elenu ithuba, nikwazi nokucebisa kwabo bakube besenza amalungiselelo enu. Funa enye yeehotele apho kuya kuqhutyelwa khona lo msebenzi ukuze nithathe ingqalelo kule miba ilandelayo:

(i) Indlela indwendwe ezamkelwa ngayo.
(ii) Iintlobo-ntlobo zokutya (imenyu).
(iii) Ukhuseleko.
(iv) Amaxesha okungena.
(v) Izixhobo ezikhoyo zokuzonwabisa.
(vi) Ucoceko nobuhle.
(vii) Amaxabiso. **[30]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Bhala umhlathana ube MNYE kweli candelo . Umhlathana lowo mawube ngamagama ali-100-120. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

IZISULU !! IZISULU !! AMAXABISO APHANTSI, NGENA NGAPHAKATHI INDABA YOTYELO AYIKHOLI !!

Usebenza kumzi-mveliso othile apho umvuzo wakho uxhomekeke kwindlela obabiza ngayo abathengi. Yila isibhengezo-ntengiso semveliso oyithengisayo, utsho ukubaluleka kwayo, amaxabiso nezinye izinto ekufanele abathengi bazazi. Buveze bonke ubuchule onokubusebenzisa ukubiza abathengi. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 2

Thumela iposkhadi kwiziko losasazo kwicandelo lemibuliso, ubulise ukwavuyisana nabahlobo bakho ebebefunda ibanga leshumi abathe baphumelela emagqabini kwizifundo zabo. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 3

Ulungiselela umcimbi wokufikelwa ziindwendwe ezivela kude kwiindawo ngeendawo ezize kwinkomfa yonyaka engeelwimi zabaNtsundu. Kuyanyanzeleka ukuba zityiswe kucingelwe nendawo eziza kuhlala kuyo. Emva kwentlanganiso yenu nisisiGqeba ucelwe ukuba ugcwalise le fomu yokucela uncedo lwemali yamalungiselelo kwinqununu yesikolo.

ISEBE LEZEMFUNDO ZA 453/ 2

A. ISICELO SEMALI

A. I INKCUKACHA ZOMCELI

Mnu/Nkosk/Nksz ---------- Ifane ---------- Izimeli magama ----------

UMSEBENZI ----------

Isicelo se ……..(Bonakalisa ngolu phawu √)

Imali elungiselelweyo ☐

Imali-mboleko ☐

Imali ecelwayo R---------

IINKCUKACHA ZOKUZA KUHLAWULA .

Ingcaciso/ inkuthazo yoko kuhlawulwayo ----------

_____

_____

_____

_____

_____

Intsayino-gama

B. Uyifumene ke ngoku imali ubuyifuna, tyikitya isiqinisekiso sokuba uyifumene .

Ndiqinisekisa ukuba ndiyifumene imali engama:R------, ndikwathembisa ukuzisa iziliphi zezinto ezithe zenziwa emva kweveki. Xa kuthe oku akwenzeka inqununu inelungelo lokundithathela amanyathelo angqingqwa.

---------- Umhla

Intsayino-gama 20------/-----/------ **[20]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 100